

iyaqhubeka...

KUFUNeka ISAYINWE EMVA KOKUFAKELWA

NDIYAQINISEKISA UKUBA:

- Iimpompo nezinto ezivuzayo endlwini zilungiswe ngaphandle kwentlawulo, thuba elo endingasayi kuphinda ndilifumane. Oku kwenziwa ngenjongo yokuncedisana nam ukuba ndonge amanzi yaye ndihlise nebhili yam yamanzi yenyanga.
- Isixhobo soLawulo lwaManzi sifakiwe kwipropati yam ukwenzela ukuba ndikwazi ukulawula indlela endisebenzisa ngayo amanzi nokuqinisekisa ukuba andifumani bhili efuna intlawulo ephuzulu kananjalo iqinisekisa nokuba andinatyalala lamanzi lingahlawulwanga
- Ndiyasiqonda ukuba sisebenza njani isixhobo solawulo lwamanzi, kwaye ndiza kukwazi ukusebenzisa iilitha ezingama-350 ukuze endingazisebenzisanga ndizisebenzise ngosuko olulandelayo ukuya kwinyanga enye
- Ewonke amanzi endiza kuwasebenzisa ngenyanga ziikhilolitha eziyi- 10,5;
- Ndiza kusokolo ndigcine isibonelelo samanzi esinokusetyenziswa ngexesha likaxakeka;
- Ndiyayiqonda indlela yokusebenzisa amanzi ngokomlinganiselo wam wenyanga endiwabelweyo.
- Ndanelisekile kukulungiswa kwenkqubo yamanzi okwenziweyo.
- Ndifumene inkcazelo ezeleyo ngolwazi olukwincwada nesi sivumelwano endisayinileyo.

Ukuba ndiphelelwe ngamanzi:

- Ndiyayiqonda ngqo into ekufaneleke ndiyenze;
- Ndiyayiqonda ukuba anduzubanalalo ubonelelo ngamanzi imini yonke ngaloo mini;
- Ndiyayiqonda ukuba ndiyakubanakho ukufumana isizathu soko ngemini elandelayo;
- Ndizakulinda kude kube yimini elandelayo ukubona ukuba isibonelelo samanzi sibuyile, kungoko kuphela endinokuthi ndikwazi
- ukutsalela iziko loncedo elivula iiyure ezingama-24;
- Andisoze ndisiphazamise isiXhobo soLawulo lwaManzi, okanye imitha yamanzi kwaye ndiyayiqonda ukuba ndingabekwa ityala lomonakalo;
- Ndakufaka isicelo sekowuta eyongezelelweyo ukuba umlinganiselo
- awuzukundanela kwakhona ndiyazi ukuba kokufuneka ndiwahlawelele loo manzi ongezelelekileyo kunye nokulahlwa
- kogutyulo; kwaye
- Ndiyayiqonda ukuba ndiyakuphulukana nale kowuta ukuba andiyihlawelelanga kude ibeziinyanga ezimbini.

Utyikityo/usayino lomnikazi
wepropati obhalisiweyo

Umhla

Igama ngokupheleleyo

Ikopi yomnikazi wepropati:

NDIZIVUMELE NGOKWAM

- ukuba iBhunga lilungise ukuvuza kwamanzi kwipropati yam;
 - ukuba ndakuyihlawelela nantoni na enye ephinde yalungiswa kwixa elizayo;
 - ukuhlawula isixamali esingaphezulu kwekowuta esimahla qho ngenyanga kwaye andizi kusiphazamisa isiXhobo soLawulo lwaManzi okanye imitha yamanzi phantsi kwayo nayiphina imeko;
 - ukuba kulungiswe ukuvuza kwamanzi kwipropati ngaphandle kwentlawulo njengethuba lokuqala nelokugqibela ukwenzela ukundinceda ukuba ndinciphise indlela endisebenzisa ngayo amanzi nebhili yam yenyanga;
 - isiXhobo esiLawulo aManzi sifakelwe kwipropati ukwenzela ukundinceda ndilawule indlela endisebenzisa ngayo amanzi kwaye ndiqinisekise andifumbi matyala angahlawulwanga kwixesha elizayo;
 - ndiyayiqonda indlela esisebenza ngayo isiXhobo soLawulo lwaManzi kwaye ndiza kukwazi ukusebenzisa iilitha ezingama-350 ngemini ndidlulisele endingakusebenzisanga kusoku olunye kwimini elandelayo kude kuye kwinyanga enye;
 - ndingasebenzisa iikhilolitha zamanzi ezipheleleyo ezili-10,5 ngenyanga;
 - ndiza kusokolo ndigcine isibonelelo samanzi esinokusetyenziswa ngexesha likaxakeka.
- Ukuba ndiphelelwe ngamanzi:
 - Ndiyakuqonda ngokupheleleyo emandikwenze;
 - Ndiyazi ukuba andizi kuba nesibonelelo samanzi yonke loo mini;
 - Ndiyayiqonda ukuba ndingakwazi ukufumanisa isizathu ngemini elandelayo; kwaye
 - Ndiza kulinda kude kube lusuku olulandelayo ukubona ukuba isibonelelo samanzi sibuyile, kwaye kungoko kuphela apho ndingakwazi ukutsalela iziko loncedo elivula iiyure ezingama-24;
 - Andizi kusiphazamisa isiXhobo soLawulo lwaManzi, okanye imitha yamanzi kwaye ndiyayiqonda ukuba ndingabekwa ityala lawo nawuphina umonakalo;
 - Ndiyakwazi ukugcina indlela endisebenzisa ngayo amanzi kwisabelo sam senyanga;
 - Ndiza kufaka isicelo sekowuta eyongezelelweyo yenyanga ukuba ikowuta yenyanga engahlawulelwayo ayonelanga kwaye ndiyazi ukuba kuza kufuneka ndihlawulele amanzi angaphezulu endiwasebenzisayo nokuhanjiswa kwamanzi amdaka edolophu; kwaye
 - Ndiyayiqonda ukuba ndiya kulahlekelwa yile kowuta ukuba andiyihlawuli ikowuta eyongezelelweyo iinyanga ezimbini.

UMHLA WOKUFAKELWA: _____ ISAKHELO: _____

INKAMPANI: _____ UMTYWINI: _____

INOMBOLO YEMITHA: _____ INOMBOLO YESIXHOBO: _____

linkcukacha zoqhagamishelwano

Iziko loncedo elivula iiyure ezingama-24:

0860 103 089

SMS: 31373 (iikharektha ezili-160)

I-limeyile: water@capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



Ukufakelwa kwesixhobo
solawulo lwamanzi

Qhubeka nokonga
amanzi

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

Ukufakelwa kwesixhobo solawulo lwamanzi kwipropati yakho

ISixeko sinyanzelekile ngokoMthetho olawula aManzi kwiSizwe yaye siyaqonda ukuba eyona njongo yolawulo lwemithombo yamanzi kukusetyenziswa kwamanzi ngokuzinzileyo ukuze kuxhamle wonke ubani owasebenzisayo. Inkqubo eHlanganisiweyo yokuqwalasela iindawo eziVuzayo zaManzi ichonge ipropati yakho njengenye enokuba neentunja ezivuzayo. Siza kuzilungisa ezi ntunja zamanzi avuzayo ze sifakele isixhobo solawulo lwamanzi (WMD) kuqhagamshelwano lwakho lwamanzi simahla ukuba uyakwamkela oku ngokuzithandela. Qaphela: kwixesha elizayo kuza kubakho umrhumo omncinane kule nkonzo ukuze sifumane iindleko zalo msebenzi.

Kumalungelo esiwafumanayo kukho uxanduva yaye uMthetho olungisiweyo ojongene nezaManzi kwiSizwe, nomb. 45 ka-1999, iSahluko 1, iCandelo 4(1) lichaza ukuba umntu uvumelekile ukuba asebenzise amanzi nokuba uwafumana kumthombo wamanzi kwiinjongo ezifana nemisebenzi yasendlwini efanelekileyo, ukulima ekhaya, ukuseza izilwanyana, ukucima umlilo nemisebenzi yokuzonwabisa. Eli phulo liza kukunceda wena mnikazi wepropati ubhalisiweyo ukuba ukwazi ukulawula indlela enisebenzisa ngayo amanzi yaye niqinisekise ukuba ityala lenu lamanzi nelogutyulo liyafikeleleka. Oku kuza kunceda ekubeni nibe nemali esilela kwiindleko zamanzi nezogutyulo kwixesha elizayo.

Umntu osebenzisa amanzi ngenkathalo ngumntu osebenzisa kuphela amanzi awafunayo, ohlawulela amanzi nogutyulo olusetyenzisiweyo, ngelixa enciphisa ukusetyenziswa kwamanzi apho anakho nonika ingxelo ngamanzi avuzayo, ukumoshwa kwamanzi nokusetyenziswa kwamanzi okungekho mthethweni ngokweMithetho kaMasipala wesiXeko yezaManzi.

Siza kunceda njani isiXhobo soLawulo lwamanzi?

ISixeko siyazi ukuba umyinge omkhulu wamakhaya uyasokola ukuhlawulela iinkonzo zamanzi nogutyulo. Ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo oxhasa abasweleyo, isiXeko sinikezela amakhaya ithuba lokuphucula iimeko zawo ngokulawula indlela asebenzisa ngayo amanzi kwimigangatho eyamkelekileyo. ISixeko siveze inkubo yenxaso kubahlali abasweleyo apho abahlali;

- bevuma ukufakelwa isixhobo esilawula amanzi ngaphandle kwentlawulo;
- kulungiswe konke ukuvuza kwamanzi kumakhaya abo ngaphandle kwentlawulo; kwaye
- bacinyelwe onke amatyala abo amanzi nawogutyulo abangelwe kukuvuza kwamanzi njengetyala elibi.

Yintoni isiXhobo esiLawula Amanzi?

Isixhobo esilawula amanzi:

- sisixhobo sombane esiyilwe ukuba sisebenze ngamaxesha athile emini;
- sifakelwa njengenxalenye yokufakelwa kwamanzi kwibhokisi yemitha
- yamanzi; kwaye
- silungiselelwe ukunikezela ngokufikelela yonke imihla kumthamo wamanzi
- oqingqiweyo ngokusekelezwe ekufikeleleni ngokwamaxabiso.

Ukulungiselela amakhaya asweleyo, isabelo sangoku semihla ngemihla zilitha zamanzi ezingama-350. Oku kuyalingana ne-emele ezizilitha ezilishumi ezingama-35 zamanzi yonke imihla.

Ukuba ufuna amanzi angaphezulu ngokuxhomekeke kwisayizi yendlu yakho okanye abanye abantu abahlala kwipropati, ungenza isicelo sesabelo esingaphezulu kwi-ofisi kamasipala ekufuphi kuwe ngokuhambelana noko unokwazi ukuhlawula.

Nceda ukhumbule, kufuneka ube ngumnini wepropati obhalisiweyo kwaye kufuneka uze nencwadi yakho yezazisi/i-ID, ikopi ye-akhawunti nesiqinisekiso somvuzo.

Sisebenza njani isiXhobo soLawulo lwaManzi?

Isixhobo soLawulo lwaManzi siyafakelwa kwaye silungiselelwe ukuqalisa ukukhupha isabelo semihla ngemihla somhlali seelitha zamanzi ezingama-350 ukususela ngeye-04:00 kusasa.

Emva kokuba esi sabelo sisetenziswe saphela nangaliphina ixesha emini, isiXhobo soLawulo lwaManzi siya kuyeka ukukhupha amanzi kwaye sicwangcise ngentsasa elandelayo ukunikezela esinye isabelo seelitha zamanzi ezingama-350 zosuku.

Nasiphina isixa sesabelo esingasetyenziswanga saphela nangaluphina usuku siya kuthi sidluliselwe kusuku olulandelayo kwaye sande. Oku kuthetha ukuba umhlali angakwazi ukongela imini yevasi, indibano yosapho, njlnj.

Kodwa, izabelo ezingasetyenziswanga ekupheleni kwenyanga azidluliselwa kwinyanga elandelayo kwaye abasebenzi bahlawulela kuphela oko bakusebenzisileyo.

Kuza kunceda njani oku?

Isixhobo soLawulo lwaManzi sifakelelwa ukuba sikuncede. Siza kuvumela ukuba:

- ufumane isabelo sakho imihla ngemihla ngomyinge wamandla nokuphuma kwawo osele ukuqhelile;
- ufumane inkonzo yakho engundoqo esimahla (iikhilolitha zamanzi ezi-6 ngenyanga, okanye iilitha ezingama-200 ngemini) njengoko kumiselwe ngokomthetho nguRhulumente kaZwelonke;
- ufumane iilitha ezili-150 ezongezelelweyo ngemini, eya kuthi ihlawulwe ubukhulu becala sisibonelelo sabasweleyo;
- sinciphise i-akhawunti yakho yamanzi nogutyulo ifikelelele kuwe;
- wazi xa kukho amanzi avuzayo, ngoko kunqandwa ukumoshakala kwamanzi kwaye kuthintelwa ityala lamanzi nogutyulo elikhulu ekupheleni kwenyanga;
- uthintele ukwanda kwamatyala amanzi nogutyulo; kwaye
- sibonakalise ukuba usebenzisa amanzi amaninzi kwaye sijonge iindlela zokunciphisa ukusebenzisa kwakho amanzi kuye kumgangatho onokukwazi ukufikelela kuwo.

Isibonelelo sabasweleyo

Ukuba ufanelekile ukuba ufumane isibonelelo nxaso sabasweleyo:

- kufuneka wenze isicelo kuqala, usebenzisa ifomu efunaneka kwi-ofisi yengingqi yakho yentlawulo; kwaye
- siya kubalelwa kwi-akhawunti yakho nyanga nenyanga - awuzi kufumana mali ezinkozo.

Ukunqongophala kwamanzi mihla le

Ukuba unesiXhobo esiLawula aManzi kodwa awubinawo amanzi awoneleyo kwaye ujongile ukuba akukho manzi avuzayo kwipropati, kungenzeka ukuba kukho enye ingxaki kwiingxaki ezininzi:

- Uyawugqithisa umlinganiselo wesabelo sakho samanzi njengoko simiselwe kwisiXhobo soLawulo lwaManzi
- Isixhobo soLawulo lwaManzi asisebenzi kakuhle okanye sonakalisiwe.

Nokuba kwenzeke kanjani na, kungahlangatyezwana neenkxalabo zakho ngokutsalela iziko lethu loncedo elivula iiyure ezingama-24 kwa-0860 103 089. Khumbula ukusokola ubuza igama lomntu ophendule ifowuni kwaye ufumane inombolo yesalathisi.

Isivumelwano esenziwa ngumnikazi wepropati obhalisiweyo sokuba kufakelwe isixhobo solawulo lwamanzi nokulungiswa kweempompo nezingxobo zamanzi ezivuzayo kwipropati yakhe

Mna, _____

Umnikazi wepropati obhalisiweyo kule _____

Dilesi _____

Stand /inombolo yesiza _____

Inombolo ye-akhawunti _____

Ndiyinqina ukuba le projekthi icacisiwe kum ngolwimi lwam lwenkobe.

Ewe

Hayi

Ndonelisekile yindlela ekucacisiwe ngayo oku kum.

Ewe

Hayi

Ezinye izimvo _____

NDIYAVUMA:

- ukuba iBhunga lilungise ukuvuza kwamanzi kwipropati yam;
- ukuba iBhunga lifakele isiXhobo esiLawula Amanzi;
- ukuhlawulela ukulungiswa kwenkqubo yamanzi ekwindawo yam kwixesha elizayo;
- ukuhlawula nasiphina isixa-mali esingaphezu komlinganiselo ongahlawulelwayo wenyanga; kwaye
- ukungasonakalisi isiXhobo soLawulo lwaManzi naphantsi kwayo nayiphina imeko.

Utyikityo/usayino lomnikazi wepropati obhalisiweyo

Umhla

Igama ngokupheleleyo